Isifundo 4

**Julayi 18–24*

Amandla Omthandazo: Ukuthethelela Abanye



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:

IsiTyh. 12:7–9, Efese 6:12, Heb. 7:25, Efese 1:15–21, Dan. 10:10–14, 1 Yohane 5:14–16.

Indima Yenkumbulo:

"Xelelanani iziphoso, nithandazelane, ukuze niphiliswe. Sinamandla kakhulu isikhungo selungisa, siyeyisa" (Yakobi 5:16).

Amalungu ebandla leTestamente eNtsha akuva ukuwudinga kwawo umthandazo. "Bakubon' ukuba bakhungile, yazanyazanyiswa indawo ababehlangene kuyo, bazaliswa bonke nguMoya Oyingcwele, balithetha ilizwi likaThixo ngokungafihlisiyo" (IZenzo 4:31). Qaphela, abafundi bathandaza. Babezaliswe nguMoya Oyingcwele, baza balithetha iLizwi likaThixo ngesibindi okanye ngamandla.

Kwakukho ulwalamano olutsolileyo phakathi kwemithandazo yabo, ukuzaliswa nguMoya Oyingcwele, nokuvakalisa ngamandla iLizwi likaThixo. "[Abafundi] abazange banele kukucelela iziqu zabo iintsikelelo. Babesiva ubunzima bomthwalo wokusindiswa kwemiphefumlo. Baqaphela ukuba igospile kufuneka isiwe ehlabathini, baza bawabanga amandla awawathembisayo uKristu."—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile,* iph. 37. Xa sifuna uThixo nokuthethelela abanye, uThixo usebenza kwezethu iintliziyo ukuba asitsale sisondele kuYe aze asinike ubulumko bezulu ukuba sifikelele kubo ngenxa yobukumkani baKhe (Yakobi 1:5). Ukwasebenza ngamandla ebomini babo ngeendlela esingeke thina sizibone okanye siziqonde ngokupheleleyo ukubatsalela kuYe. (1 Yohane 5:14–17).

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJulayi 25.*

Idabi Lezwe Lonke

Thelekisa isiTyhilelo 12:7–9, Efese 6:12, no-2 Korinte 10:4. Ezi ndawo ziyinika njani impembelelo ekuqondeni kwethu umthandazo wokumela [okanye ukucengela]?

IBhayibhile iyawuphakamisa umdiyadiya phakathi kwelizwe elibonwayo nelingabonwayo. Kukho idabi phakathi kokulungileyo nokubi, phakathi kwemikhosi yobulungisa nemikhosi yobumnyama, phakathi kukaKrisu noSathana. Lidabi lezwe lonke, uThixo uhlonipha inkululeko yoluntu. Akasayi kuze ayisebenze ngobuxelegu intando okanye asinyanzele isazela. Uthumela uMoya Oyingcwele ukuba oyise amadoda nabafazi ngenyaniso engcwele (Yohane 16:7, 8). Izithunywa zezulu zingenelela edabini ukuba zikhuthaze abantu ngonaphakade (Heb. 1:14). NoThixo usoloko elungisa iziganeko zokubonelela ebomini babantu ukubakhokelela kuYe.

Into angasokuze ayenze uThixo kukunyanzela isazela. Ukunyanzela kuchasene nobukumkani bukaThixo. Ukunyanzela kububutshaba nomthetho-siseko wothando, osisiseko solawulo lwaKhe. Kulapha apho umthandazo ubaluleke kakhulu. Nangona uThixo esenza konke anako ukufikelela ebantwini kwangaphambi kokuba sithandaze, imithandazo yethu ikhululula amandla amakhulu kaThixo. Uyayihlonipha inkululeko yethu yokukhetha ekuthandazeleni abanye, kanti Yena unokwenza nangaphezulu, ngokubona imbambano phakathi kokulungileyo nokubi, xa sithandaza kunaxa singathandazanga.

Qaphela le ntetho ngononophelo, “Yinxalenye yecebo likaThixo ukusinika, ephendula umthandazo wokholo, oko ebengayi kusinika ukuba besingacelanga njalo.”—Ellen G. White, *Imbambano Enkulu*, p. 525. Kwimbambano enkulu phakathi kokulungileyo nokubi, umthandazo wenza umahluko. Xa sithandazela abanye abangamaziyo uKristu, oko kuvula amajelo entsikelelo yezulu ukuba ihle ingene ebomini babo. UThixo uyakuhlonipha ukukhetha kwethu ukuba sibathandazele ade asebenze ngamandla amakhulu ngenxa yabo. Ekuphatheni kwethu lo mcimbi womthandazo wokuthethelela, kufuneka sikuvume ngokuzithoba ukuba asikuqondi ngokupheleleyo ukusebenza kukaThixo, kodwa akufuneki ukuba oku kusenze ukuba sihlale siwenza umthandazo wokuthethelela, thina kwakunye nabanye.

Ucinga ukuba kutheni le nto uThixo esebenza ngamandla kakhulu xa sithandaza kunaxa sikutyeshela ukuthandaza? Nokuba asiyiqondi ngokupheleleyo indlela osebenza ngayo, kutheni le nto isiyalo seBhayibhile sokuba sibathandazele abanye sisinyanzela ukuba sikwenze oko?

UYesu: Umthetheleli Onamandla

Funda: Luka 3:21, Luka 5:16, noLuka 9:18. Zikuxelela ntoni ezi ndima ngolwalamano phakathi kobomi bukaYesu bomthandazo nempumelelo yaKhe ekulungiseleleni kwaKhe?

UYesu wayephila ubomi bokuxhumana okungcwele ngamaxesha onke noYise. Ngexesha lokubhaptizwa kwaKhe xa wayeqala umsebenzi waKhe, wathandazela amandla ezulu ukuze ayifeze injongo yezulu. UMoya Oyingcwele wamnika amandla ukuba ayenze intanko kaYise, awufeze umsebenzi obekwe phambi kwaKhe. Nokuba yayikukondla amawaka amahlanu, ukuphilisa ogula liqhenqa, okanye ukuhlangula abaneedemon, uYesu wazi ukuba, kwidabi phakathi kolulungileyo nobubi, umthandazo wawusisixhobo esinamandla sokuyibetha ihlehle imikhosi yenkohlakalo. Umthandazo yindlela emiselwe lizulu yokuhlanganisa ukungabi nakuzinceda kwethu nobuthakathaka bethu kunye namandla kaThixo uSomandla. Yindlela yokusenza ukuba siphakanyiselwe phezulu kuThixo, enguye kuphela onokuchukumisa iintliziyo zabo esibabeka emthandazweni.

Funda: Luka 22:31–34 namaHebhere 7:25. Yingqiniseko ethini uYesu ayinika uPetros ukumlungisela izihendo awayeza kujongana nazo kungekudala ngaphambili? Yingqiniseko ethini ayinika thina sonke ngabanye xa sijongene nezihendo?

Abanempumelelo ekuzuzeni imiphefumlo ngamadoda nabafazi bomthandazo. UYesu wambiza ngegama uPetros emthandazela. Wamqinisekisa uPetros ukuba, ngexesha lokuhendwa okukhulu, wayeza kuba emthandazela. USathana wasiqonda kakuhle isakhono sikaPetros sokuhambisela phambili ubukumkani bukaThixo. Waceba ukwenza konke anako ukuba ayitshabalalise impembelelo entle kaPetros ebandleni likaKristu. Sekunjalo, kuzo zonke izihendo zakhe, uYesu wayemthandazela uPetros, yaza imithandazo yeNkosi yaphendulwa. Inyaniso evuyisa kakhulu ukwazi ukuba uMsindisi uyasithandazela, nathi. Uyasimema ukuba sihlangane naYe kulo msebenzi womthandazo wokuthethelela siphakamisele abanye ngamagama phambi kwetrone yaKhe. Ukuzingisa kwethu ekuthandazeni kuvuma ukuba siyakwazi ukuxhomekeka kwethu okupheleleyo, nokukodwa kuThixo ukuze sifikelele kubantu esibathandazelayo.

Ngubani omthandazelayo ngoku? Kubaluleke ngantoni ukuba ungancami, nokuba ibonakala inzima kangakanani imeko?

Imithandazo KaPawulos Ethethelelayo

Umthandazo wokuthethelela yinto eseBhayibhileni. Kuko konke ukusebenza kwakhe, uPawulos wayewathandazela amakholwa asanda kuguquka emabandleni awayewamisa ngokuvangela kwakhe. UPawulos wayekholwa ukuba ikho into eyayisenzeka xa ethandaza eyayingayi kwenzeka xa engathandazanga. Nangona wayahlukene nabo wayebathanda, wayesazi ukuba babenako ukumanyana entliziyweni xa bethandazelana.

Funda: Efese 1:15–21. Kule migca ingezantsi, dwelisa izicelo ezahlukeneyo awazenzayo uPawulos kuThixo ngeEfese. Yintoni ngqo awacela uThixo ukuba amnike?

Ukuthandazela kukaPawulos amakholwa ase-Efese kubalulekile. Wathandaza ukuba uThixo awanike ubulumko nokucalula kwasemoyeni, ukuze akhanyisele iingqondo zawo ngenyaniso yezulu awanike ithemba lobomi obungunaphakade. Wawathandazela ukuba abe namava okusebenza ngamandla kwamandla kaThixo ebomini bawo. Lo Thixo unamandla kangaka, wada wavusa uYesu kwabafileyo, isiganeko esiba sisiseko sethemba lobomi obungunaphakade kuYe. Umthandazo wakhe uphela ngokubakhumbuza "ngobutyebi bobuqaqawuli bukaKristu" "nelifa laKhe." AmaKristu ase-Efese anokuba ayezaliswe yinkuthazo, esazi ukuba uPawulos wayewathandazela, esazi nokuba wayethandaza ngantoni.

Funda: Filipu 1:3–11 uqaphele imvakalo yomthandazo kaPawulos. Ukuba wawulilungu lebandla laseFilipi uze ufumane ileta enje ngale ivela kuPawulos, ekuxelela ukuba wayenganele ukukuthandazela kuphela kodwa ixele nokuqulathwe ngumthandazo wakhe, wawungeva njani, kuba kutheni? Zithini izithembiso ezifumaneka kumazwi awo [umthandazo]? Kwangelo xesha linye, zithini iziyalo ezikhona apho nazo?

Ngamanye amazwi aphakamisa kakhulu nakhuthazayo eBhayibhileni, azaliswe zizithembiso, kwakunye nokubizela ekuzalisweni luthando nokwazi kunye nokucalula okuphuma ekwazini uYesu ukuze sibe kuko konke uThixo anga singakuko kuYe.

Amagunya Angabonwayo Esebenza

Umthandazo wokuthethelela usisixhobo esinamandla kakhulu kweli dabi liphakathi kokulungileyo nokubi esilibiza ngokuthi yi“mbambano enkulu.” Esinye sezona zityhilelo zicace kakhulu kweli dabi sikuDaniyeli 10. Uya kukhumbula ukuba umprofeti uYeremiya waxela kwangaphambili ukuba amaYuda aya kuba sekuthinjweni ngamaBhabheli amashumi asixhenxe eminyaka. Ekupheleni kobomi bukaDaniyeli, eli xesha lesiprofeto lokuba sekuthinjweni kwamaYuda lalifikelela ekupheleni. UDaniyeli wakhathazeka. Kwaba kuncinane akubonayo kubungqina bokuzaliseka kwamazwi kaYeremiya. Abantu bakhe basahleli ekuthinjweni. IBhabheli yoyiswa ngamaMedi namaPersi, kodwa sekunjalo amaYuda ayesahleli ebukhobokeni. UDaniyeli wazila wathandaza iiveki ezintathu. Wazondelela ukubathandazela abantu bakhe. Ekupheleni kweeveki ezintathu, ingelosi enobuqaqawuli yabonakala kuye.

Funda: Daniyeli 10:10–14. Yaviwa nini imithandazo kaDaniyeli, yayintoni eyiphazamisayo okwexeshana?

Le ndawo inika umdla kakhulu. Ukuze siyiqonde kakuhle, masiphawule abantu abathile. Ngubani umthetheli wobukumkani bamaPersi? Ngokuqinisekileyo nguKoreshi. Ungukumkani wobukumkani basePersi. Kunokwenzeka ukuba isaci “umthetheli wobukumkani bamaPersi” simele uSathana. UYesu wambiza ngokuthi “inkosi yalo eli hlabathi [KJV]” okanye “umphathi weli hlabathi” (Yohane 12:31, Yohane 14:30). UPawulos wambiza ngokuthi “mphathi wegunya lesibhakabhaka” (Efese 2:2). Ukuba umthetheli wasePersi umele uSathana, ngoko ke ngubani uMikhayeli? Isaci Mikhayeli sisetyenziswe kahlanu eBhayibhileni (IsiTyh. 12:7; Jude 9; Dan. 10:13, 21; noDan. 12:1). Ukuzifunda okucokisisayo ezi ndawo kutyhila ukuba uMikhayeli (othetha ukuthi “Ngubani onje ngoThixo) sesinye isaci sokuchaza uYesu njengoMphathi wazo zonke iingelosi kwidabi elilwa ngqo noSathana. UKristu unguNyana ongcwele kaThixo kanaphakade, owayekho kwangaphambili, onawo wonke amandla. Omnye wemisebenzi yaKhe njengoMphathi weengelosi kukoyisa aze athi ekugqibeleni amtshabalalise uSathana. UDaniyeli 10 utsalela ecaleni umdiyadiya aveze eli dabi phakathi kokulungileyo nokubi. Ngexesha uDaniyeli ethandaza, uMikhayeli, uYesu ingangalala, wehla esuka ezulwini ukuza kuhlehlisa imikhosi yenkohlakalo. Nangona sisenokungamboni, uYesu uyasebenza ukuyiphendula nayo imithandazo yethu yokuthethelela. UnguMsindisi onamandla. Awukho nowodwa kwimithanazo yethu ohamba ungaqatshelwanga.

Ububona njani ubunyaniso bobukho bembambano enkulu edlalwa kobakho ubomi? Ubunyaniso bobukho beli dabi bumele ukukuxelela ntoni ngohlobo lokukhetha odinga ukuba ulwenze?

Injongo Yomthandazo

Kuyo yonke iBhayibhile, kukho ucinezelo ngokucaca ngqo komthandazo. Umthandazo asingomnqweno nje ongacacanga womphefumlo. Ubeka kuThixo izicelo eziqinisekileyo. UYesu wathandazela abafundi baKhe izinto eziqinisekileyo. Umpostile uPawulos wathandazela ngokuqinisekileyo amaKristu ase-Efese, eFilipi, naseKolose. Wathandazela abasebenzi kunye naye abaselula: uTimoti, uTito, noYohane Marko.

Funda: 1 Samuweli 12:22–24 noYobhi 16:21. Yintoni ezifana ngayo ezi ndawo zimbini? Zisixelela ntoni ngomthandazo wokuthethelela?

Bobabini uSamuweli noYobhi bacinezela isidingo sokuthandazela okuyintethelelo okunyanisekileyo, okuphuma entliziyweni, nokungqalileyo. Amazwi kaSamuweli anamandla kakhulu. Udanduluka athi, "makube lee kum ukuthi ndone kuYehova ngokuyeka ukunithandazela" (1 Sam. 12:23). Ingathi siyasiva isandi somthanazo kaSamuweli emazwini kaYobhi, "ukuba alungisele umfo kuThixo" (Yobhi 16:21). Ukubongoza uThixo ngenxa yamadoda nabafazi abangamaziyo uKristu ngumsebenzi wethu.

Funda: 1 Yohane 5:14–16. Kwenzeka ntoni xa sithethelela abanye?

Xa sithandazela abanye, siba lijelo lentsikelelo kaThixo kubo. Uthulula umlambo wamanzi obomi usuka etroneni yasezulwini ngathi ukuya kubo. Uwonke umkhosi kaSathana uyankwantya kwakuvakala intethelelo enyanisekileyo. UEllen G. White uwachaza amandla omthandazo ngala mazwi abalulekileyo: "USathana akakwazi ukukunyamezela ukuba kubhenelwe kutshaba lwakhe olunamandla, kuba woyika angcangcazele phambi kwamandla aLo nobungangamsha baLo. Kuthi kwakuvakala umthandazo ozingisileyo, wonke umkhosi kaSathana uyangcangcazela." —*Testimonies for the Church,* vol. 1, p. 346. Umthandazo uhlanganisa thina noMthombo wamandla ezulu kwidabi lemiphefumlo yamadoda nabafazi abalahlekileyo.

Funda: Mateyu 18:18, 19. Lwalamano luni enalo le ndawo nomthandazo wokuthethelela, kwaye iyinkuthazo njani le ndawo ekuthandazeni nabanye ukuba basindiswe abo bangayaziyo iNkosi?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "Ilungelo Lomthandazo," amaph. 93–104, kuAmanyathelo Okuya KuKristu; "Work for Church Members," pp. 19–24, in *Testimonies for the Church*, vol. 7. Xa sithandazela abanye, uThixo uyakuzukisa ukuzinikela kwethu kuYe nokuxhomekeka kwethu kumandla aKhe ngokusebenzisa zonke izixhobo zezulu ukuguqula ubomi babantu. Ithi xa imithandazo yethu inyuka isiya kwitrone yaKhe, izidalwa ezizingelosi ziyatsiba ukusabela xa eyalela. "Iingelosi ezilungiselelayo zilinde ngasetroneni ukuze zithobele kwangoko umyalelo kaYesu Kristu ukuphendula wonke umthandazo onikelwa ngokholo olunyanisekileyo, oluphilayo."—Ellen G. White, Selected Messages, book 2, p. 377. Sinesiqinisekiso sokuba awukho nowodwa umthandazo olahlekayo, ungekho nowodwa olityalwayo nguThixo. Yonke igcinwe ezulwini ukuba iphendulwe ngexesha nendawo uThixo ayazi kakuhle ukuba ifanelekile. "Umthandazo wokholo awuze ulahlwe; kodwa ukubanga ukuba uya kusoloko uphendulwa kanye ngendlela kwakunye nento kanye esiyilindeleyo, bubuganga obo." —Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 1, p. 231. Inkuthazo emangalisayo esiyinikwa koku xa sithethelela esitshate nabo abangamaziyo uKristu okanye oonyana bethu neentombi zethu, izihlobo, abahlobo, nesisebenza kunye nabo. Awukho nowodwa umthandazo onyanisekileyo okhe ulahleke. Sisenokungasoloko sizibona kwangoko iimpendulo kwabo sibathandazelayo, kodwa uThixo uyasebenza ezintliziyweni zabo ngeendlela thina esiya kuzazi kuphela kunaphakade.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Funda: Filipu 1:19; Kolose 4:2, 3; no-2 Tesalonika 3:1, 2. Ngexesha lokuvalelwa kwakhe entolongweni, siqinisekiso sini awaba naso uPawulos ngenxa yemithandazo kaFilipu? Yintoni awayicelayo ukuba amaKolose namaTesalonika ayithandazele ngaye? Luthini ulwalamano olukhoyo enalo le mithandazo mibini yezicelo zokuthethela ekuzuzweni kwemiphefumlo?

2. Gxila kubunyaniso bobukho bembambano enkulu nokuba yenza inkcazo enkulu ngaphaya kwelizwe esihlala kulo. Lukunceda njani ulwazi lwakho ngale mbambano ukuba ukuqonde ukubaluleka komthandazo? Ewe, uYesu wayiphumelela imfazwe, kwaye siyazi ukuba icala laKhe liyaphumelela ekugqibeleni. Sekunjalo, ngokwangoku, kubaluleke ngantoni ukuba sithandaze sifune ukwenza konke esinako ukuhlala sithembekile kuYe nokusebenzela ukusindiswa kwabanye?

3. Zeziphi ezinye iziphazamiso kubomi bomthandazo onempumelelo kakhulu? Ziluhlobo luni izizathwana oye uzisebenzise (ukuba uyakwenza oko) ukuze uphume ekuthandazeleni kakhulu abanye abawudingayo umthandazo?